Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2026

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3

**AMANQAKU:** **100**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathi emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10 Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Imini endathatha isigqibo sokutshintsha ubomi bam **[50]**

1.2 Iziphumo zokuxhoma konke ngobomi bakho kumaqonga onxibelelwano **[50]**

1.3 Ukuphumelela kwam eli banga kuxhomekeke kum **[50]**

1.4 Ukutshintsha kwemo yezulu kwenziwa sithi bantu **[50]**

1.5 Ngamanye amaxesha uyaphumelela kanti ngamanye uyafunda **[50]**

1.6 Ubunzima bendlela baziwa ngulowo uyihambayo okanye oyihambileyo **[50]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo

1.7 **QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.



[Uthathwe ku-shutterstock.com 1122182972]

**[50]**



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.8




[Uthathwe ku-www.bing.com/images/search]

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## ICANDELO B: IMIHLATHI EMIDE

## UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

### 2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umzala wakho ileta umcele ukuba aze kwinkqubo yokuthi ndlela-ntle kubafundi bebanga le-12 besikolo sakho (Valedictory). Mchazele ngokubaluleka kobukho bakhe kuwe ngolu suku. **[30]**

### 2.2 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO

Bhala isivi neleta eyikhaphayo ucele umsebenzi wokuqeqeqsha abafundi kwibhola yeqakamba. Isibhengezo salo msebenzi usibone kwikhasi lonxibelelwano lesi sikolo (Facebook page). **[30]**

### 2.3 IRIVYU

Bhala irivyu yefilimu obukhe wayibukela. Le filimu iye yatshintsha indlela obubona ngayo ubomi. **[30]**

### 2.4 INGXOXO

Bhala ingxoxo ephakathi kwakho nomhlobo wakho nixoxa malunga nokubaluleka kokuvota kulonyulo looMasipala.. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## ICANDELO C : IMIHLATHI EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IPOWUSTA**

Bhala ipowusta eyazisa ngokukhangelwa kwabantwana abaneminyaka eli-17 abahlala kwidolophu yakho. Aba bantwana bafunelwa ukulinganisa kumdlalo okumabonakude othi “INIMBA”. Khupha zonke iinkcukhaca ezifunwayo liqela eliququzelela oku. **[20]**

3.2 **IDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku eziNTLANU zendlela oye wavakalelwa ngayo phambi nasemva kokuqala umsebenzi wethutyana kwivenkile enkulu ekwidolophu yakho. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhala imiyalelo eya kudadewenu. Ufuna ukupheka umngqusho. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.